Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA (FAL)
# IPHEPHA LESIBINI (P2)
# (EXEMPLAR)

**AMANQAKU: 70**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha asi-8.

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1: *Vuleka Mhlaba* – Ncedile Saule

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 KuseCassablanca Tavern ✓ (1)

1.1.2 Kunjalo kuba uBantu usinde sele eza kugwetywa avalelwe ekwesimnyama ngenxa yesityholo sokubulala inkosikazi yakhe kodwa ngenxa yobungqina obuvele mva noNoziqhamo nanku elinikiwe ithuba lokubangaphandle. ✓✓ (2)

1.1.3 Eyokuba ufuna ukumbhidisa uBantu angamcingeli ukuba nguye lo ubulele uDora ✓✓/ ukukhohlisa uBantu nabanye ukuba babone ukuba bayavana nangona yena esazi ukuba ufuna uBantu afele ityala lakhe. ✓✓ (2)

1.1.4 Enombizane ✓✓/ enomtsalane. ✓✓ (2)

1.1.5 Kukuba akayazi ukuba lo Jolela uthuka uBantu ngobunja kuba esithi ubulele umkakhe nguye kanye lo ungumbulali. ✓✓ (2)

1.1.6 Ngowenkohlakalo ✓✓/ ngowamaqhinga ✓✓/ ngowenkohliso. ✓✓ (2)

1.1.7 ICassablanca Tavern yindawo elungiselelwe ukuba abantu bapholise ingqondo xa bebuya emisebenzini, ✓ ngenxa yoko ibenomtsalane nakuDora noJolela ✓ baza bathi bakumana bethengelana utywala kwanxilwa yaba yindawo ababonana kuyo mihla le xa bengekho misebenzini. ✓ (3)

1.1.8 NguBantu Zathu. ✓✓ (2)

1.1.9 Yayisesokuba kuseza kuphandwa nzulu kulandelelwa ubungqina obusandul'ukuvezwa nguNoziqhamo enkundleni yamatyala. ✓✓ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 (a) C ✓/ uBantu uzama ukuzibulala ngokuzeyelisela emlanjeni ✓ uBantu uzama ukuzibulala ngokuzeyelisela emlanjeni.
(b) A ✓/ uBantu uzama ukuzirhaxisa ngegesi yemoto ✓/ uBantu uzama ukuzirhaxisa ngegesi yemoto. ✓
(c) D ✓/ uBantu ubhaqa iovaroli nebhoso enkunkumeni ✓/ uBantu ubhaqa iovaroli nebhoso enkunkumeni. ✓
(d) B ✓/ uBantu undwendwela uDlamini esibhedlele ✓/ uBantu undwendwela uDlamini esibhedlele. ✓ (4)

1.2.2 Lolonxunguphalo ✓ wayeqonda ukuba ukulandelwa nguBantu kwakuyomeleza ingcinga yokuba wayefunwa ngamapolisa kwaye ecinga ukuba imfihlo yokuba nguye owabulala uDora ivelile kuBantu. ✓✓ (3)

1.2.3 Sisifaniso. ✓ (1)

1.2.4 Kunjalo kuba wathi uBantu akulandela uJolela waba uncedisana namapolisa oku kwabangela ukuba aphazamiseke uJolela wada wafumana ingozi yemoto ukuze abanjwe. ✓✓ (2)

1.2.5 (a) (iv) ✓
(b) (iii) ✓
(c) (i) ✓ (3)

1.2.6 Kwisicatshulwa A uJolela ubonakala engqiyaza engumntu owonwabileyo kanti kwisicatshulwa B unxunguphele ✓✓/ uJolela wonwabile kwisicatshulwa A kanti kwisicatshulwa B usexhaleni. ✓✓ (2)

1.2.7 Limfanele kuba ukuzama kwakhe ukukhulula uBantu kubeneziqhamo ezihle zokuba ekugqibeleni akhululeke afunyanwe oyena mbulali kaDora. ✓✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A 35**

**OKANYE**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 2: *Idayimani Icholwa Eluthulini* – Zama A. Japhta

## ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 Lixesha ✓/ yindawo ✓/ yintshukumo yabalinganiswa. ✓
[Nayiphi eNye kwezi.] (1)

2.1.2 Kunjalo kuba uNonkuthazo ubonakalise umdla nosizi akubona lo mfana ubonakala ezincamile esirhoxweni wada wathatha uxanduva lokumkhathalela. ✓✓ (2)

2.1.3 Yeyomntu onendelelo omjongele phantsi uNonkuthazo kuba engafundanga kuyaphi yena. ✓✓ (2)

2.1.4 Ndiyabhatala ✓✓ (2)

2.1.5 Sesokubhala ileta emrhoxisayo emsebenzini kuba engaziwa apho akhoyo. ✓✓ (2)

2.1.6 Ngowonyamezelo ✓✓/ ngowothando olungajonganga nzuzo ✓✓/ ngowenkuthazo. ✓✓

[Nayiphi eNye kwezi.] (2)

2.1.7 Kukwesi sirhoxo sikaNomthombo apho uMfanelo noNonkuthazo badibana khona baze bathandana ✓/ Kukwesi sirhoxo apho umfanelo wadibana khona nenkosikazi yakhe uNonkuthazo ✓/
Kukwesi sirhoxo apho uMfanelo wadibana khona nomntu owatshintsha ubomi bakhe baba ngcono wayeka ukuba linxila, waphangela wade waba ufumana umsebenzi wokuba yinqununu. ✓ (3)

2.1.8 Kukuba uNomthombo abethwe nguNonkuthazo ngenxa yokuba egqogqe imali kuMfanelo, wathi uMfanelo akuqinisa uthando lwakhe kuNonkuthazo akaphinda angene ndawo uNomthombo. ✓✓ (2)

2.1.9 Ukuba ungumntu owaziwayo ukuba uyazithanda iindaba ✓✓/ kukuba uyazazi iindaba zabantu kwaye uyazithanda iindaba zabantu. ✓✓ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

2.2 2.2.1
(a) C ✓/ C uNonkuthazo uhlalisana noMfanelo ✓ uNonkuthazo uhlalisana noMfanelo. ✓
(b) A ✓/ A uNonkuthazo ubetha uNomthombo ✓/ uNonkuthazo ubetha uNomthombo. ✓
(c) D ✓/ D uNonkuthazo noMfanelo bayatshata ✓/ uNonkuthazo noMfanelo bayatshata. ✓
(d) B ✓ B uNonkuthazo wenzelwa itheko lokwamkelwa kwaGontsi ✓/ uNonkuthazo wenzelwa itheko lokwamkelwa kwaGontsi. ✓ (4)

2.2.2 Udikiwe ✓ kuba uSaziso wayembona eluxanduva kuMfanelo kuNonkuthazo angamboneli ntweni ✓/ uyacaphuka ✓ ubona uMfanelo ezinikele kubantu abangaphantsi kumgangatho wakhe, intombi engafundanga ✓/ uyacaphuka ✓, kuba ubona uMfanelo ekhetha abantu adibene nabo bumini kunabo balusapho lwakhe, namntu ophantsi ngokomgangatho angamboneli ntweni yena xa emthelekisa nekhaya labo nemfundo kaMfanelo. ✓ (2)

2.2.3 Sithetha ukuba makhe babe beyiyeka le nto bathetha ngayo okomzuzwana. ✓✓ (2)

2.2.4 Kunjalo kuba uSaziso wabonakalisa ukungamfuni uNonkuthazo eqala ukumbona nto leyo yayinokumphatha kakubi ukuba wayengabashiyanga bexoxa ✓✓/ kunjalo, wayebanika ithuba lokuba bathethe ezekhaya labo bekhululekile kuba sasikhona isizathu sokuba uSaziso andwendwele uMfanelo. ✓✓ (2)

2.2.5
(a) (iv) ✓
(b) (iii) ✓
(c) (i) ✓ (3)

2.2.6 UMfanelo ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa A linxila elixakene nobomi kuba esonqena ukuya emsebenzini kanti kwisicatshulwa B uMfanelo ubuqokelele ubomi bakhe kwaye ubonakala enekamva eliqaqambileyo. ✓✓ (2)

2.2.7 Limfanele kuba wayesoloko ekhuthaza uMfanelo ukuba abengumntu okhathalele umsebenzi nempilo engaxhomekekanga tywaleni. ✓✓ (2)

**AMANQAKU EWONKE 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C: ISIHOBE: Isihobe Se-Afrika Entsha – P.N.Gidi

### 3.1 UKWIDABI LOBOMI – M.M.M. DUKA

3.1.1 Ithetha nabafundi balo mbongo ✓ kuba isebenzisa isigama esithuma umntu wesibini, ‘yilwa’, ‘funza’ embongweni wayo. ✓ (2)

3.1.2 Emfazweni kunzima njengokuba nakulo mbongo imbongi ibonisa ukuba ubomi bunzima. ✓✓ (2)

3.1.3 Luphinda-phindo lwamagama ✓ (1)

3.1.4 Yomelela uqine. ✓✓ (2)

3.1.5 Buya umva ngenjongo yokuya phambili kuphela. ✓✓ (2)

3.1.6 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni weliso. ✓ (1)

(b) Ngowomntu olele natya engakwazi nokushukuma ngenxa yokungabinamandla. ✓✓ (2)

3.1.7 Nokhaka kampethu ✓✓/ nomntu ongenambulelo. ✓✓ (2)

3.1.8 Ngulowo othe wazuza uloyiso. ✓ (1)

3.1.9 Hlala ethembeni unganikezeli uphakame wakuwa. ✓✓ (2)

3.1.10 Kuthi bantu baseAfrika ✓/ kubantu baseAfrika ✓/ kubemi baseAfrika ✓/ kumaAfrika. ✓ (1)

**KUNYE**

3.2 **IXESHA – N.P.D. SIGENU**

3.2.1 Amadoda, ✓ abafundi, ✓ iintsana. ✓ (3)

3.2.2 Yimvano-siqalo. ✓✓ (2)

3.2.3 Ziinkuku. ✓ (1)

3.2.4 Ngoqhawulo magama (’) ✓✓ (2)

3.2.5 Wakheke ngezitanza ezi-6 ✓✓/ wakheke ngemiqolo emine kwisitanza ngasinye. ✓✓ (2)

3.2.6 C ✓/ C ngokucotha ✓/ ngokucotha. ✓ (1)

3.2.7 Le miqolo iyathungelana kuba ithi ngokuhamba kwexesha kuvela iinyaniso ebezikade zixake wonke umntu. ✓✓ (2)

3.2.8 Ngowokuba ixesha liyahamba lithi ngokuhamba kwalo kutyhileke iinyaniso ebesele zilibalekile atsho avele amaxoki. ✓✓ (2)

3.2.9 Umqolo wama-22 ✓✓/ kanti yodula nenyaniso kolahlekisiweyo. ✓✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**
**AMANQANKU EWONKE: 70**